ISIXHOSA

Bhota mfundi webanga 12

Ngunyaka wakho wokugqibela ufunda esikolweni. Kunyanzelekile ukuba ubhale iimviwo zokuphela konyaka, ukwenza oko kulindeleke ukuba uzilungiselele kangangoko unako.

Iingcebiso malunga nokulungiselela iimviwo

- Cwangcisa ixesha lakho ngobunono nenzondelelo
- Yiba nendawo ethe cwaka yokufundela
- Xa ufunda, qala ngalo miba inzima kwisifundo ukuya kwelula
- Zikhwebule kumkhuba wokuchitha ixesha elininzi kwiindawo zokuzonwabisa endaweni yokufunda iincwadi zakho
- Xa ufunda, mana ubhala phantsi amanqaku okufundayo ukuzikhumbuza
- Ukuhlaziya okufundileyo, ungasebenzisa amaphepha eemviwo ezigqithileyo
- Yazi ukuba ukufunda yinto oyenza ubomi bakho bonke, ngoko ke, ziqhelanise nokufunda rhoqo.

Ukuhlola

Udweliso lwemisebenzi ehlolwa ngokusesikweni namanqaku ayo.

Kulwimi lwasekhaya

Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota			Uviwo lwangaphandle
Ikota yoku-1: Uvavanyo olu-1 olubhalwayo kunye nemisebenzi emi-4	Ikota yesi-2: Imisebenzi emi-2 Kunye noViwo olu-1	Ikota yesi-3: Uviwo olu-1 okanye uvavanyo olubhalwayo nomsebenzi om-1	Ikota yesi-4: Uviwo lwangaphandle olu-1 kunye ne-orali

Kulwimi loku-1 olongezelelweyo

Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota			Uviwo lwangaphandle
Ikota yoku-1: Uvavanyo olu-1 olubhalwayo kunye neMisebenzi emi-3	Ikota yesi-2: Imisebenzi emi-3 Kunye noViwo Okanye noVavanyo olubhalwayo	Ikota yesi-3: Uviwo olu-1 okanye uVavanyo olubhalwayo noMsebenzi om-1	Ikota yesi-4: Uviwo lwangaphandle olu-1 kunye ne-Orali

Learn Top 50 IsiXhosa Phrases and Word
https://qrgo.page.link/G9GCa

Conversational isiXhosa
https://qrgo.page.link/8XDNy

Kulwimi lwesi-2 olongezelelweyo

Ukuhlola okwenziwa ezikolweni ngokwekota			Uviwo lwangaphandle
Ikota yoku-1: Uvavanyo olu-1 olubhalwayo nemisebenzi emi-3	Ikota yesi-2: Imisebenzi emi-2 noViwo olu-1	Ikota yesi-3: Uvavanyo olubhalwayo olu-1 nemisebenzi emi-2	Ikota yesi-4: Uviwo lwangaphandle olu-1 kunye ne-orali

Amacandelo namanqaku amaphepha eemviwo

Amaphulo okuncedisana nawe ukulungiselela ezi mviwo

- Kwezinye izithili, kuqhutywa izifundo zangoMgqibelo zesiXhosa, izikolo zasebusika, izikolo zasentwasahlobo, ukuncedisa nawe mfundi.
- Amaphepha eminyaka edlulileyo esiXhosa ayafumaneka kwiwebhusayithi ethi www.education.gov.za
- Ndikunqwenelela impumelelo kwizifundo zakho zonke ingakumbi kwisiXhosa.

Werk deur vorige eksamenvraestelle

Eksamenvraestelle en voorgestelde antwoorde van vorige jare is beskikbaar by die volgende webtuiste:
http://wced.school.za/documents/Matric/matric-n/index.html